

UThixo Uyitoliki Yesiqu Sakhe Ngokwakhe



Bawo wethu waseZulwini, iLizwi elivela kuWe lingathetha okukhulu kunako konke awathi umntu nangaliphina ixesha waba nokukwenza okanye akuthethe, ngoku abantu balindele ukubona Wena. Kwaye siyaKubulela ngokuba kukho abo balindeleyo, bajonge into eyakwenzeka. Kwaye xa abantu benxanelwe okuthile, inzulu ibiza iNzulu, kumelwe kubekho iNzulu eyakuphendula olobizo. Kungoko ke silapha ngokuhlwanje, ngokuba bekusezintliziyweni zababalungiseleli, nababantu, ukusibiza sihlangane sicele iinceba zaKho neentsikelelo, sikholwa ukuba Uyakuphilisa abagulayo usindise nabalahlekileyo, uze ubonakalise iLizwi laKho.

² Kwaye siyathandaza, Bawo waseZulwini, ukuba Usiphe oku njengokuba silindele ngokuthobeka kuWe, ubusuku nobusuku. Kwanga kungabakho okungako u—ukugaleleka koMoya oyiNgcwele, kwaye wanga wonke umntu angaba yimfana kuyo nantoni na emjikelezileyo ngaphandle koThixo. Kwaye kwanga kungakho ukubiza okungako phakathi kwabantu, ukunxanelwa uThixo, kude kubekho imvuselelo kulo lonke ilizwe eli ithi yonke inkonzo izaliswe ngabantu, aboni bekhala kuThixo ukuba abe nenceba, no—noMoya oyiNgcwele uphilisa abagulayo, esenza iziqhwala ukuba zihambe, evusa abafileyo, ephisa ngezi zinto zazithenjisiwe eLizwini laKho.

³ Yiza, Nkosi Yesu, uzalisekise isithembiso saKho. Yiza kuthi ngokuhlwanje. Siyakholwa ukuba Wena nguwe izolo, namhlanje, nangonaphakade, nokuba izithembiso, zaKho azinakusilela. Kokubini amazulu nomhlaba ayakusilela kodwa iLizwi laKho alisayi kusilela. Yanga ingqiqo yethu ingavuleka. Wanga uMoya oyiNgcwele angeza andlale umhlaba olifusi. Yanga ingqiqo ingavulekela kuMoya namandla kaThixo ngokuhlwanje, ukuze Abe nokubonakalalisa aMazwi aKhe ngathi. Kuba oku sikucela eGameni likaYesu. Amen.

⁴ Ngoku, ngokuhlwanje, nina bajonge itekisi, masithyile eBhayibhileni kwiNcwadi ye-II Petros, siqale ngomqolo we-15, ukwenzela nje indlela yokuthetha ngeSibhalo imizuzwana embalwa.

*Kananjalo ndiyakukhuthalela ke ukuba nibe nako,
amaxa onke emva kokumka kwam, ukuzikhunjuzwa
ezo zinto.*

Kuba sithe, singalandelanga zintsomi zabuqhinga, sanazisa amandla nokufika kweNkosi yethu uYesu Kristu; sithe saba ngababoneli bobungangamsha bakhe.

⁵ Ndiyayithanda loo nto, “amangqina.” Hayi intsomi ethile. Singamangqina oko sithetha ngako.

Kuba wamkela kuThixo uYise imbeko nozuko, ekuzisweni kuye bubuqaqawuli obubalaseleyo, izwi elinjengeli: Lo nguNyana wam oyintanda, endikhholisiweyo mna nguye.

Nelo zwi ke saliva thina, lisiza liphuma ezulwini, sinaye entabeni leyo iNgcwele.

Kananjalo sinalo nelona lizwi liqinisekileyo elilelobuprofeti, enityaphayo ukulinyamekela, linje ngesibane esikhanyisa endaweni... Emnyama, kude kuse, liphume ikhwezi ezintliziyweni zenu;

Nisazi oku kuqala, ukuba sonke isiprofeto sesibhalo asibikho ngokuzicombululela.

Kuba akukhange kubekho siprofeto ngokuthanda komntu; bathi abantu abangcwele bakaThixo bathetha beqhutywa nguMoya oyiNgcwele.

⁶ Yanga iNkosi ingongeza iintsikelelo zaYo ekufundweni kweLizwi laYo. Ngoku, ndizakuthabatha oku njengengongoma: *UThixo Uyitoliki YeSiqu SaKhe NgokwaKhe.*

⁷ Siphila kumhla wokudideka. Siphila kumhla apho amadoda nabafazi kunzima nokuba bayazi into abayenzayo. Yonke into, i-ikhangeleka isisiphithiphithi. Yonke into, kukhangeleka ngathi zininzi kakhulu indlela zokukhangela. NguSathana, owenza loo nto.

⁸ Ngoku, uThixo akanakubagweba abantu ngobulungisa, ngokokuko, ngaphandle kokuba kubekho umgangatho Ayakuthi abagwebe ngawo. NeBhayibhile ithi Uyakubagweba bonke abantu ngoYesu Kristu, ke uYesu Kristu uliLizwi. KuYohane oNgcwele, isahluko so-1, Ithi:

Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo.

ULizwi waba yinyama, wahlala phakathi kwethu,...

⁹ Ngoku, konke oku sikuko namhlanje kukubonakaliswa kwengcinga zaKhe. KuThixo... Ekuqalekeni Wayengenguye noThixo, uThixo, sinokuMbiza njengokuthi “nguLowo unguNaphakade.” WayengengoThixo, ngokuba igama (igama lesiNgesi) *u-God* lithetha “injongo yokunqula” ngoko ke kwakungekho nto yakuMnqula. Ngoko Yena wayenguLowo

unguNaphakade, u—uMthombo oyintloko yobulumko bonke. Kwaye kulo Mthombo wabo bonke ubulumko kwakungekho nenye i-atom, isuntswana, okanye nantoni na, kukhanya naphina, nkwenkwezi, nyanga, nantoni na eyenye. UThixo, lento siyazi ngokuba nguThixo, uMoya omkhulu owawunguNaphakade (awuzange uqale, ungazange uphele), Wayekho. KuYe ke kwakukho iimpawu: iimpawu zaKhe zokuba nguThixo, yaze yazimpawu zaKhe zokuba nguYise, iimpawu zokuba nguNyana, iimpawu zokuba nguMsindisi, iimpawu zokuba nguMphilisi. Zonke ezompawu zazikuYe. Ke ngoku Yena... Ezi zinto zithe zatyhileka ukusukela ngoko ziimpawu nje zaKhe zibonakalaliswa.

¹⁰ Into endithetha yona, ngeempawu yayizi “Nginga” zaKhe. Kwaye i—izwi yi “ngcinga ebonakalalisiweyo.” Ngoko ke yayikoko oWayekucinga. Waze Wathi akuthi, “Makubekho,” kwabakho ke. “Makubekho,” kwaze kwakho.

¹¹ Ke ngoku, khumbulani, nina Makristu nanizingcinga zaKhe ngaphambi kokuba kubekho ihlabathi. Kwaye nisisibonakaliso sokucinga kwaKhe. Ngaphambi kokuba kubekwakukho kwahlabathi, nanikuKristu, (amen) kuThixo ekuqalekeni. Loo nto inenza, ngoko, uyabona, abakhonzi baKhe. Kwaye yonke loo nto inguThixo, ngokwaKhe, eZenza ukuba abe nokuphatheka ukuze Abenokuphathwa, abonwe, no—nokunjalo. Uyiloo nto ke uThixo, yonke loo nto.

¹² Ke abantu bathi, “Ukutolikwa...” ndandithetha apha kungekudala kwixesha elidlulileyo enkonzweni, kwakho indoda ethi kum, yathi, “Mzalwana uBranham, unengcaciso engeyiyo. Awuyitoliki kakuhle laa Nto.”

¹³ Ngoku, siva... Baya kubuWisile, baze bathi “AmaBhaptizi akatoliki ngokukuko.” AmaBhaptizi athi, “AbakwaMoya abenzi njalo.” AbakwaMoya bathi bona “A—ABobunye abenzi njalo.” ABobunye bathi, “Ama-Assemblies akenzi ngokukuko.” Kwaye omnye uthi omnye akenzi ngokukuko.

¹⁴ UThixo uyiToliki yeSiqu saKhe ngokwaKhe! Akaswele bani ukuba aMtolikele. UZitolikela ngokwaKhe Buqu. Ngubani indoda enokumtolika uThixo? UThixo uyitoliki yeSiqu saKhe ngokwaKhe.

¹⁵ Ngoku, uPetros ethetha apho, sifumanisa ukuba ekuqalekeni akuba ethe uThixo, “Makubekho ukukhanya,” kwabakho ukukhanya, oko kukutolikwa kwaloo nto. Ngethuba wathi uThixo wathetha nantoni na yenziwa yabonakalaliswa, ngoko oko kukutolika kukaThixo kokuba iLizwi laKhe lililo. ‘Yabona? Ngethuba Wathi, “Makubekho ukukhanya,” oko kwakusengcingeni yaKhe kuqala ngaphambi kokuba kubekho into enje ngokukhanya wathi Akuthi, “Makubekho ukukhanya,” ukukhanya kwavela esibhakabhakeni, kukutolikwa kweLizwi laKhe ke oko. Akukho mntu

unokukutolika oko, kuba uThixo watsho kwabakho ke. Xa uThixo ethetha kuze kubonakaliswe, oko kukutolikwa kweLizwi laKhe. Kutheni abantu bengakuboni nje oko? Kutheni abantu bengakuboni nje oko?

¹⁶ Xa uThixo esenza isithembiso aze uThixo athi... E—ekuqalekeni, kwiGenesis, Walaba iLizwi laKhe elabela sonke isigaba njengokuba Lisuka ekuqalekeni ukuhla ukuya ekupheleni. Nokuza, ukuhla kuzo zonke izigaba, ihlabathi lenkonzo lizixubile zonke ezi zinto ngezithethe, nokunjalo, kwaye uThixo usoloko ethumela, kuyo yonke iTestamente eNdala neNtsha, ngabaprofethi! Kwaye iLizwi leNkosi liza kumprofethi. Likwenza njani ke Lona oko? Libonakalisa iLizwi likaThixo. Isibonakalisa sikaThixo, esisixelayo ukuba liyinyani na okanye hayi. Akukho mntu umelwe kukuLitolika, iLizwi liyaZitolika. UThixo wathembisa ngalo nalo ke lisenzeka!

¹⁷ Kunceda ntoni ukuthetha nantoni na ngaLo? Ngubani lo ndoda ingumoni inokuzama ukuthi (xa uThixo enze isithembiso aze uThixo asenze) athi okokutolika kuphosakele? NguThixo ngokwaKhe lowo wenza ukutolika kwaKhe ngokwaKhe, etolika. Akaswele mntu ukuba aMtolike, uyaZitolika ngokwaKhe ngokubonakalisa oko Akuthembisileyo ukuba Uyakukwenza.

¹⁸ Owu, ukuba ibandla belinako nje ukukubona oko libone amadinga abelwe sigaba ngasinye! Zonke ezinye izigaba, uThixo wathumela (nditsho nokuphumela kwizigaba ezisixhenxe zebandla) waze wabonakalisa yonke Awathembisa ukuyenza. Yonke into, akukho nanye into eshiywe ingenziwanga. Ngokuchanekileyo! Into Awathi Uyakuyenza, yona leyo Wayenza.

¹⁹ Ngokuba xa uThixo wathi, phaya emva ku-Isaya, Wathi, “Intombi le iyakumitha,” yaze yenza njalo. Ngoku, ngu—ngubani onokukutolika oko? NguThixo owatolikayo. Wathi, “Intombi le iyakumitha,” yaze yamitha. Ngoku, uyintoni wena... awunako... Akukho nto inokuthethwa ngaloo nto, ngokuba uThixo wathi iyakwenza njalo yaze yenza njalo. Kodwa ibandla laba yimfama kakhulu ukuba likubone oko ngoko. 'Yabona, babeneyabo ingcamango ngaloo nto. Yaya—yahluke kakhulu kunento ababeyilindele.

²⁰ UPetros apha wayebhekiselele emva, wathi, “UThixo wabonakalisa uKristu ngeLizwi laKhe, Wathi, ‘Lo nguNyana waM oyintanda.’” La makholwa ayemi apho. Kwaye uKristu wayesisibonakaliso sikaThixo. Wahlala njalo ebonakalisa uKristu ngeLizwi laKhe, ngokuba uKristu uliLizwi. Uyabonakalisa njalo.

²¹ Xa Wathi...Ngemihla kaNowa, uKristu wayekuNowa. Niyakholwa yiloo nto? UNowa wathi, “Iza kuna imvula.

Kuyakubakho imvula, ihlabathi liza kutshatyalaliswa.” Yana. Loo nto yayingaswele kutolikwa. Yana ngokuba uThixo, okuNowa, wathi, “Iza kuna imvula.” Wayengumprofethi, kwaye ubungqina yayikukuba oko wakuthethayo kwenzeka. Ngoko akuyomfuneko ukuba bakutolike oko.

²² Abanye babo basenokuba, bajikeleza, bathi, “Le ndoda ayiyazi lento ithetha ngayo.”

²³ Kodwa uThixo wahlala njalo ethembisa, “Ukuba kukho phakathi kwenu ongowomoya, okanye umprofethi, aze oko akuthethileyo kwenzeka, kuveni.” Injalo loo nto, ngokuba yinyaniso. Imelwe kukuba ingqinelane neLizwi. Kwaye uNowa wayengqinelane neLizwi. Ngethuba wayeprofetha ukuba izakuna, yaze yana. Loo nto yayingadingi kutolikwa, ngokuba yenza kanye loo nto.

²⁴ U-Isaya wathi, “Intombi le iyakumitha,” yaze yenza njalo. Ngoku, loo nto yayingaqhelekanga kakhulu. Kuba, ‘yabona, yayiyiminyaka engamakhulu amaninzi emva koko eyathi lentombi yamitha.

²⁵ Yayingaqhelekanga kangangokuba nendoda elungileyo egama linguYosefu, umyeni wayo, “engolilungisa engathandi ukumhlaza ekuhleni...” Lo ndoda ngaloo mihla, inokuba kwakunjani kuYosefu ngethuba wayeganelwe, ethembise uMariya.

²⁶ Wayethenjisiwe. Ngaloo mihla, ukwaphula loo nto, kwakuyinto enye nokukrexeza. Kwaye, kakade, kuYosefu kwakhangeleka ngokungathi uMariya wayemenza isisithelo, okanye emenza ikhaka lezinto zakhe ezimbi, kuba apha wafunyaniswa elindele umntwana, engatshatanga, ethenjisiwe nje. Iqhinga elinjalo, wayenokuxulutywa afe; kwakumele kube njalo, ngokomthetho.

²⁷ Ke uYosefu, umyeni wakhe, wayeyindoda elilungisa, indoda elunge kakhulu. Wayekholwa kuThixo. Waze wathi akumkhangela, ngaloo mehlo makhulu athambileyo, athandekayo, wathi, “Yosefu, uGabriyeli iNgelosi enkulu indityelele yandixelela ukuba ndiyakukhawula, ndingazani nandoda.”

²⁸ Ngoku, ukuba uYosefu wayenokukhangela nje emva eSibhalweni, umprofethi wathi uyakwenza njalo! YayinguThixo nje etolika iLizwi laKhe ngokwaKhe! ‘Yabona? Kodwa oko kwakungaqhelekanga kakhulu.

²⁹ Nanko undonakele wesigaba ngasinye. ILizwi likaThixo aliqhelekanga ebantwini; Aliqhelekanga ngokukhulu. UThixo uhlala esenza okungaqhelekanga. Akuqhelekanga naphina apho akhoyo uThixo. Kuchasene nokuhlanganyela kwehlabathi, ngokuba izinto bazenze ngendlela abacinga ukuba zimelwe ukuba yiyo. Kodwa uThixo uyangena enze okungaqhelekanga.

³⁰ “Le ntombi yayinokukhawula njani?” Wayenyanisekile, wafuna uThixo malunga noko.

³¹ Waze uThixo wathetha naye ephupheni wathi, “Yosefu, nyana kaDavide, musa ukoyika ukumthabathela kuwe uMariya umfazi wakho, kuba oko kukhawulweyo kuye kungoMoya oyiNgcwele. UThixo umsibekele. Yiloo nto eyenze oko.”

³² Ingaba uyiqaphele indlela uThixo awasebenza ngayo kuYosefu apha? Ngendlela eyiyeyesibini, ngendlela yephupha. Ngoku, siyazi ukuba akho amaphupha, siyakholwa emaphupheni. Ndiyakholwa emaphupheni. Ayekho... UThixo wahlala njalo esebenza ngamaphupha kubantu bakhe. Kodwa amaphupha angawesibini, 'yabona, lisenokuba lelinyanisileyo okanye eliphosakeleyo ngaphandle kokuba litolikwe. Kodwa akazange yena aswele toliki. YayinguThixo ngokwakhe ethetha ngqo kuYosefu, ngokuba kwakungekho mprofethi ngaloo mihla ukuze atolike. Babengazange babenamprofethi isithuba samakhulu amane eminyaka. Ngoko okusondeleyo okukuko, uThixo wayekhathalele intlalontle—kubuhle bonyana OngowaKhe, wayethetha kuYosefu ngephupha nangaphandle kokutolikwa. Wathi, “Lo mfazi unyanisile. Loo Nto iNgcwele ikhawulweyo kuye inguNyana kaThixo.” Ingaswele kutolikwa.

³³ UThixo Uyazitolikela ngokwaKhe kwezithembekileyo, kwintliziyo ezinyanisekileyo, amadoda nabafazi akhangele kwi—kwizinto ezizimfihlelo, ukuba uthembekile unyanisekile uyakukholwa, uThixo unendlela yokuyitolika kuwe. Kuqala, funisa ukuba kususithembiso na. Ukuba uYosefu wayenokubuyela nje emva emke kwizithethe aye emva eBhayibhileni, ukuya kufumanisa, u-Isaya wathi iyakwenza njalo.

³⁴ Kwaye izinto ekwathethwa ngazo, nokuzalwa kwaKhe, nako konke okwathethwa ngako ngeZibhalo, “ngabaprofethi abangcwele,” njengokuba uPetros watshoyo. Kwaye akukho mntu unelungelo lokuzicombululela kuloo nto. Ime kanye njengokuba uThixo watshoyo ukuba iyakwenzeka. Wayesisibonakaliso seLizwi likaThixo elathenjiswa loo mhla. UThixo wayithetha loo nto, nantso ke ikho. Oko kwayiphelilelisa.

³⁵ UYesu wathi... Ngethuba awayesemhlabeni xa babengaluqondi ulungiselelo lwaKhe, lwalulukhulu kakhulu, lusisimanga, (babengekhe), lumangalisa, gxebe. BabengenakuMqonda. Wathi, “Ziphengululeni iZibhalo!” (Ndiyathemba ukuba andinenzi izithulu apho, ngokukhwaza kulento.) “Ziphengululeni iZibhalo, kuba kuzo niba ninoBomi obunguNaphakade, zibe zona zingqina ngaM.” 'Yabona? “Zizo ezinixelelayo ukuba Ndingubanina.”

³⁶ 'Yabona, uThixo walaba iLizwi. Loo mhla wawuzakuba sisibonakaliso sikaThixo, uThixo (u-Imanuweli) enathi, "IGama laKhe kuyakuthiwa nguMangaliso, uMchebisi, uMthetheli woXolo, uThixo oliGorha, uSonini Nanini. Kwaye iGama laKhe kuyakuthiwa ngu-*Imanuweli*, 'UThixo unathi.'" UThixo wayekuDavide. UThixo wayekuMoses. UThixo! NguThixo lonke ixesha, eZibonakalisa kwesosigaba. Kodwa esi sigaba, "Intombi iyakumitha izale uNyana, Yena ke uyakuba nguThixo enathi."

³⁷ Naso isizathu abambethelelela sona, ukuZenza uThixo, nangenxa yokwaphula iSabatha. Wayengu—wayenguThixo ongaphezu kweSabatha, kwaye Yena wayenguThixo. Kwaye Wayengeyondoda nje eqhelekileyo okanye umprofethi oqhelekileyo (kanti WayeyiNdoda noMprofethi oqhelekileyo), kodwa WayenguMprofethi-Thixo. Kwaye Wayezalisekisa iLizwi, kanye oko wathi uThixo Uyakukwenza. Wathi, "Ngubani kuni onokuNdigweba ngenxa yesono? Ziphengululeni iZibhalo! Kuzo niba ninobomi obunguNaphakade, zibe zona zingqina ngaM." Kodwa izithethe zabo, babephila ekukhanyeni kwesinye isigaba.

³⁸ Njengokuba bendishumayela kwiveki ezimbalwa ezidlulileyo, "*Ukuphila elitheni*." Ilitha "sisanga," ilanga lizenzele umfanekiso, kwaye bubuxoki. Kwaye naliphina ilitha lesinye isigaba ngumfanekiso wobuxoki. Abantu basoloko behamba kwinto ethile eyehla kwiminyaka eyadlulayo. AmaLuthere ahamba kwilitha lobuLuthere. Umtha welanga kaLuther wawulungile ngomhla wakhe; uWesley wayelungile ngomhla wakhe; ubuPentekoste babulungile ngomhla wabo. Siyenyuka ngenqwanqwa, siphila kwesinye isigaba! Siqhubela phambili, phambili, asinakuhlala sijonge ngasemva.

³⁹ Sakuzifumanisa sizinzile kwezi zinto, sicinga ukuba sifumene konke, sifumana izithethe zethu zixutyiwe; loo nto ilungile kuloo mhla, kodwa thina siqhubela phambili! Ziphengululeni iZibhalo nibone ukuba kuthenjiswa ntoni na namhlanje, ngoko ke siyakwazi ukuba siphina, ngoko singatsho ukuba simi phina.

⁴⁰ ULuther; wawunokukhangela eSibhalweni ubone apho—kwesasigaba saseSardesi, ungabona kanye oko kwathenjiswa. Khangela ukuba luhlobo lunina lomkhweli elaphumayo, ukhangele ukuba yintoni na eyaya kumhlangabeza, ngokuchanekileyo, "ubulumko bomntu," noHlaziyo. Khangela uWesley, njalo njalo. Njalo njengokuba usihla ukuba kwisigaba sikaMoya, nokuhla ukuphuma kwesosigaba, khangele indlela ekuhambe ngayo. Khangela eZibhalweni ubone ukuba siphina. Naso isizathu sokuba uYesu athi, "Ziphengululeni iZibhalo!"

41 'Yabona ukuba siphina! Ndiyakholwa ukuba sisekuBuyeni koNyana kaThixo khona ngoku. Ndikholwa ukuba sikwisigaba sa—saloyure ngokwayo yokuba Avele nangaliphina ixesha. Ndikholelwa ukuba iZibhalo ziyakuxela oko, ukuba sikwiinyure zokugqibela zembali yelihlalathi. Ndiyazibona izinto njengokuba zihlangana nje. Ukubona eliBhunga lobunye leeNkonzo likhokelela onke amabandla kulo, liwangenisa kuPhawu lweRhamnca. Nokubona uLawulo lwaseRoma noko likwenzayo, nawo onke amanye. Sizibona zihlanganisana zikuvalela ngaphandle ukuKhanya, ziyiValela ngaphandle iVangeli. Wonke umntu kuyakunyanzeleka ukuba abe ngowalo ahambe ekukhanyeni kwabo kungenjalo awunakuhamba konke. 'Yabona, sisekupheleni kwexesha. Akukho nto iseleyo kuthi ngaphandle kokubambelela kuThixo sikholelwe iLizwi laKhe. ILizwi lihleli linyanisile.

42 Kwisigaba saseLawudike, yayikuphela kwesigaba seabandla, kuzo zonke, awathi uKristu wabekwa ngaphandle kwebandla. Wayengaphandle, enkqonkqoza. Kwenzeke ntoni? EliBhunga lobunye beNkonzo lilo eliyakuMkhuphela ngaphandle. IBhayibhile yathi Uyakuba ngaphandle, kwaye Ulapho. Livalala ntoni ngaphandle? ILizwi. Kwaye Yena uliLizwi, Wahlala eliLizwi oko, kwaye UseliLizwi ngokuhlwanje! UliLizwi.

43 IBhayibhile yathi, "ILizwi libukhali, kunawo onke amakrele antlangothi-mbini," kumaHebhere, isahluko se-4, "licalula iingcingane nezicamango zentliziyo." LiLizwi elalinjalo! Kwakumele ukuba bazile ukuba WayenguBani na uYesu ngesesha wakuthethayo oko ngemihla yakhe.

44 Khangela into Awayenzayo. Ngenye imini xaWayemi apho, ekuqalekeni kokuqala kolungiselelo lwaKhe. Kukho indoda eza kuYe enguSimon ngegama, uSimon Petros. Kwathi ke uPetros akukhangela kuYe wa—waze waMbona, uYesu wathi kuye, "Igama lakho unguSimon kwaye ungunyana kaYona." (Kwakumelwe ukuba azi ukuba uMoses wathi, "INKosi uThixo wenu uyakunivelisela uMprofethi onjengam nje, mazi nimve Yena.") Yayiyiyole ke indoda eyayingazange imbene ebomini bayo, yathi, "Igama lakho unguSimon kwaye ungunyana kaYona." Ngoba, wazi kanye ngeloxesha ukuba oko akunakubangaphezulu... Babengazange baba namprofethi isithuba samakhulu amane eminyaka, yabe ke indoda iyiyole imxelela ukuba wayengubani na. Akumangalisi ukuba wayamkelayo nje!

45 UFiliphu, ngeloxesha, wehla wa—wafumana uNathaniyeli ephantsi komthi, wambuyisa wamzisa kuYesu. UYesu wathi, "Nanko umSirayeli ekungekho nkohliso kuye."

Wathi, "Rabi, Undazi nini na?"

46 Wathi, “Ngaphambi kokuba uFiliphu akubize, ngethuba uphantsi komthi, bendikubona.”

47 Wathi, “Rabi, Wena unguNyana kaThixo! UnguKumkani kaSirayeli.” Wazi ukuba yayinguye lowo! Intoni? Oko kwakungafuni kutolikwa, nguYehova owakuthethayo!

48 Kwakumi apho abo babengayikholelwa. Bathi, “Le ndoda inguBhelezabhule. Ine—inohlobo oluthile lobuqhinga Eliqhubayo. I—ingumvumisi, okanye enye into.”

49 UYesu wabajonga, waze wathi, “Ngoba, nithetha ngokuchasene noNyana womntu, niyakuxolelwa. Kodwa akufika uMoya oyiNgcwele ezokwenza kwa into enye, ukuthetha ngokuchasene Noko, anisayi kukuxolelwa, kwelihlabathi okanye kwihlabathi elizayo.” Wayeprofetha ngomhla wethu, umhla esimelwe kukuwubona. Kuba Yena nguye izolo, namhla, nangunaphakade.

Khumbula, yayinguYesu Kristu lowo wayekuMoses.

50 YayinguYesu Kristu lowo wayekuDavide. Ngethuba uDavide, unyana ka...UDavide wenyuka intaba, ukumkani ochasiweyo, wayililela iYerusalem, yayingeyonto yimbi ke inguKristu ekuye. Kwisithuba esimalunga namakhulu asibhozo eminyaka emva koko, uNyana kaDavide wahlala phezu kweNtaba yeMinquma wakhangelela ezantsi kwiYerusalem walila, wathi, “Yerusalem, Yerusalem, kufuthi kangakanani na ndithanda ukunibutha ngohlobo esithi isikhukukazi siwabuthe ngalo amantshontsho aso, naze anavuma!”

51 Ngethuba uYosefu wayesejele, yayinguYesu lowo. Ngethuba wayethengiswa ngokusondeleyo kumashumi amathathu amaqhosha esilivere, yayinguYesu. Ngethuba wenziwa indoda yakwaPotifaro, yayinguYesu. Ngethuba wayehleli ngasekunene kukaFaro. Waze ekumkeni kwakhe, wonke umntu...ixilongo lalikhaliswa aze wonke umntu anyanzeleke agobe idolu, yayinguYesu lowo. Akukho mntu wayenokuza kuFaro kuphela kungo—kungoYosefu; akukho mntu unokuza kuThixo, kungoYesu kuphela. YayinguYesu, iLizwi elaprofethwayo lizaliseka, lathethwa kwizithunzi nemizekeliso.

52 Ngethuba uYesu wayelapha emhlabeni Wenza into enye nabayenzayo abaprofethi, kungoko babesazi ukuba Yena wayesisibonakaliso sikaThixo seLizwi laKhe. Kwakungadingi kutolikwa.

53 Ngethuba uNathaniyeli wakubonayo oku, wawa phantsi wathi, “Wena unguKumkani kaSirayeli, uNyana kaThixo, uKumkani kaSirayeli. SiyaKwazi, akukho mntu ebenokukwenza oku.”

⁵⁴ UNikodimo weza ngobusuku, wathetha kwa into enye ngabaFarasi. Kodwa, uyabona, babebambeke kwiBhunga loBunye beenkonzo labo bade bangabi nakukwamkela Oko. Wayivakalisa into ababeyithetha, wathi, “Rabi, si...” Ngubani u “Si”? Libhunga labo! “Siyazi ukuba Wena ungumfundisi ovela kuThixo, kuba akukho mntu unako ukuzenza ezi zinto ngaphandle kokuba uThixo unaYe.” BaKuqonda, baqonda ukuba Kuko, kodwa babebambeke kakhulu kuloo nto.

⁵⁵ UThixo ke, kulamashumi mane eminyaka edlulileyo, usishukumisile esi sizwe ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele, abe amadoda nabafazi esengaphandle Kwako ngokuba abambeke kwinto enye, ephila kwilitha lenye imini. Yintoni undonakele? Wonke umntu ufuna ukuba ngumWisile, umBhaptizi, umRabe, umLuthere, okanye enye into. 'Yabona, lilitha nje.

⁵⁶ Babephila kwilitha lomhla kaMoses. Wathini yena? Wathi... Bathi, “Singabafundi bakaMoses.”

⁵⁷ Wathi, “Ukuba benimazile uMoses, ngenindazi naM. UMoses wabhala ngaM!”

⁵⁸ Ukuba nanimazile uLuther, beniyakusazi esi sigaba! Ukuba benibazile ubuWisile, beniyakusazi esi sigaba! Kuba kuKristu wabhala ngesisigaba! AMazwi azalisekileyo amelwe kukuzaliseka ngesi sigaba. Akaswele nabanina ukuba Awatolike, uThixo Uyazitolikela ngokwaKhe. UThixo uyaZitolika, ngokuba nguYe kuphela onako ukuKutolika. Amadinga kaThixo ahlala engqinela oko Wakuthethayo, nako ke ukutolika.

⁵⁹ Ngoku, uYesu, (ukonga ixesha), uYesu wathi, kuYohane oNgcwele, isahluko se-14, umqolo we-12, “Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna uyakuyenza naye yena.” Kwathethwa nguYe oko? Kunjalo. Oko akuswele kutolikwa. Xa umntu othile esenza loo msebenzi, nguThixo lowo. Ngokuqinisekileyo!

⁶⁰ Wathi kananjalo apho, “Njengokuba kwakuhle ngemihla kaLothe, kuyakuba njalo ekuzeni koNyana womntu.” NguYesu owakuthethayo oko. Ingaba nguYe owatshoyo? Ngokuqinisekileyo, Watsho! Oko akuswele kutolikwa.

Bathi, “Kulungile oko kwakuthetha...”

⁶¹ Kwakuthetha kanye oko Wakutshoyo! “Njengokuba kwakuhle ngemihla kaLothe, kuyakuba njalo ekuzeni koNyana womntu.” Kuthiwani ngemihla kaLothe? Masibuyele emva umzuzwana, sifumanise ukuba babesenza ntoni na.

⁶² Kwakukho iindidi izintathu zabantu ngemihla kaLothe: ikholwa, ikholwa lokuzenzisa, nongakholwayo. Oko kukwisiqhu ngasinye, yinto enye.

Sifumanisa amaSodom ayengaba ngakholwayo.

ULothe wayelikholwa elizenzisayo.

63 U-Abraham wayelikholwa. Yayinguye owathi umnqophiso wangqinelwa kuye. Yayinguye owayelindele unyana wedinga. Yayinguye owayelindele oko. Amen. (Andizenzeli “amen” ngokwam. U-*Amen* uthetha “Makube njalo!”) Kwaye kunjalo. U-Abraham wayengekho Sodom. U-Abraham wayephezulu engaphandle kweSodom. Ungumzekeliso weBandla lomoya namhlanje.

64 ULothe ungumzekeliso webandla lobuhlelo elisezantsi eSodom nangoku. Khangela, iBhayibhile yakuthetha oko, “Izono zaseSodom zawuthuthumbisa umphefumlo wakhe olungisayo imihla ngemihla.” Kwakutheni ukuze angabi nabuganga bokuphuma achasane nazo? Maninzi amadoda alungileyo ahleli ebandleni namhlanje, ekhangele phandle abone abafazi abanxibe ibhulukhwe ezimfutshane namadoda enza ezi zinto, namalungu wabo ehamba, edlala igalufa ngeCawe, nepikiniki neepati, nokuqubha nezinto ezinjalo, endaweni yokuya enkonzweni. Ahlale ekhaya ngolwesiThathu ngokuhlwa, abukele umabonwanakude, endaweni yokuya enkonzweni. Baziva bengangathetha into malunga noko, kodwa ibhunga lingabakhupha. Kwenzeke ntoni? NguLothe kwakhona, ekhangele ngefestile yakhe esibona isono, esoyika ukubiza isono ngokuba “sisono”!

65 U-Abraham wayengekho kwaso siphithiphithi, wayengaphandle kwaso. Wayengumzekelo weBandla lokomoya. Ngoku khangela into eyenzekayo kanye ekupheleni kwexesha, kanye phambi kokuba umlilo uwe. Kwaye ezo yayiziNtlanga. Kwakusisithunzi sangaphambili somlilo usiwela ihlabathi leeNtlanga namhlanje, xa izikumkani ziyakube zisaphuka zisiya kutshiswa. “Amazulu ayakutsha ngumlilo,” itsho iNkosi, “ayakutsha ngomlilo ongacimekiyo.” Yayisisithunzi saloo nto eso.

66 Ngoku masibe nomfanekiso woko. Nanku u-Abraham sele ephumile engekho eSodom, wayengaphandle kweSodom. ULothe wayeseseSodom.

67 Into engumnqa, ngenye intsasa eshushu, inokuba malunga nentsimbi yeshumi elinanye wabona amadoda amathathu esiza, amadoda aqhelekileyo, ehamba esihla ngendlela, ngomgaqo. U-Abraham wayehleli phantsi kom-oki, eziphumza. Wayephumile, ngokucacileyo nemihlambi ngaloo ntsasa, engena, malunga nemini enkulu. Wabona amadoda amathathu esiza. Yaye kwakukho into malunga nala madoda, eyathi, yamkhumbuza. Owu, bethu!

68 Kusoloko kukho okuthile malunga noThixo, kusakube Kufike phakathi kwabantu, Kuyakhumbuza. BayaKwazi. Kukho into ebaxeleyo ukuba kukho ukungqinelwa okukhoyo.

⁶⁹ U-Abraham wabaleka ngokukhawuleza, wathi, “Nkosi yam, khawungene ndize nentwana yamanzi, ndiye kuwakha ndihlambe iinyawo zaKho, ndiKunike iqhekeza lesonka, uze ke Uhambe indlela yaKho.” Ngoko waguquka. Wawubalekisa wawungenisa umhlambi wathabatha ithole walixhela, wathuma umkhonzi ukuba alilungise. Wangena ententeni, ezantsi kwakhe, wathuma uSara ukuba axove intlama, enze, enze umgubo, enze isonka, enze amaqebengwana eziko. Wawakhupha wawaphaka. Wathi ehleli apho, esidla, baqala ukuqaphela, le Ndoda ihlala ijonge ezantsi ngaseSodom. Yaze yathi. . .

⁷⁰ Amabini kuwo, ukhumbule, ehla aya eSodom. Mabini awaya eSodom. Uncede ungakuphosi oku. Ndibhekiselele koko uYesu wakuthethayo. Amabini kuwo aya eSodom ukuya kukhupha uLothe noko kwakulungele ukukhutshwa apho ezantsi. Aze amabini kuwo ehla aya apho, ehla ayakushumayela. (Kwaye kwakukho eNye eyahlala phaya emva no-Abraham, wukhangele umqondiso Eyawenzayo.) Babenomqondiso phaya ezantsi, kwakukho. . . amaSodom abethwa ngobumfama. Ukushunyayelwa kweVangeli kuhleli kummfamekisa ongakholwayo. Kwaye qaphela okwakwenzayo.

⁷¹ Ngoku, kukho eNye emi apha emva yenza umqondiso phambi ko-Abraham.

⁷² Ngoku, nakhe naqaphela, nawuphina umntu wezembali, landela iSibhalo, landela imbali, akuzange kubekho ixesha kwizigaba zebandla apho indoda yakhe yaphuma isiya kumabandla amancinane phaya phandle ehlabathi, phaya ngaphandle kumahlelo, akuzange kubekho indoda elathi igama layo lanje ngo-Abraham, h-a-m, ngaphambili. Kodwa namhlanje banayo, u-G-r-a-h-a-m. Kunjalo. Isihla iye phaya, ibakhupha. Wenza umsebenzi omangalisayo ngaloo nto. U-Graham, uBilly Graham, isicaka sikaThixo esiphaya phandle phakathi kwamahlelo, abezopolitiko, njalo njalo, ibachumza nje.

⁷³ Ngenye imini xa babemfuna ukuba angenelele ukuba nguMongameli, wakumangala elubala. UThixo, amsikelele ngenxa yaloo nto. Ngoba, ezankampani zewhisky wayengeke afumane nokokuqala ukunyaniseka ngokwakuza kwenzeka. Babeyakuchitha izigidi ngezigidi zeedollar, ngokuba wayezakuzichitha nakanjani na, ezo nkampani zeemidiza nezinto ezinjalo. 'Yabona, upha phandle njengesithunywa sikaThixo kumaSodom. Kunjalo kanye.

⁷⁴ Kodwa khumbula, kwakukho eNye eyahlala phaya phezulu no-Abraham, enye iNdoda, ingengawo lamabini ehlayo aya phaya njengabavangeli bangoku abangenayo apho ukuya kushumayela. Qaphela, kwakukho eNye eyahlala phaya phezulu. Mabini lawo ehlayo, yaza eNye yahlala *apha* kunye no-Abraham. Kwaye Leyo yahlala no-Abraham yamnika umqondiso.

⁷⁵ Ngoku khangela, igama lakhe lalingu “Abram” nomfazi wakhe wayengu “Sarayi,” kusuku nje okanye ezimbini ngaphambi koko. UThixo wayebonakele kuye wathi, “Ndiyaliqulula igama lakho ngoku ekubeni ngu-Abram libe ngu-Abraham.” (‘Yabona, u-G-r-a-h-a-m ungonobumba abathandathu, umntu.) Kodwa u-A-b-r-a-h-a-m sisixhenxe, onobumba abasixhenxe; h-a-m, egqibela ngo-h-a-m.

⁷⁶ Ngoku, apha phezulu kwiBandla lokomoya kwakukho eNye eyayilapho phezulu ku-Abraham, kwaye qaphela into Eyayithethayo. Yathi, “Abraham,” (hayi “Abram”) “Abraham, uphi umfazi wakho” (hayi S-a-r-a-y-i) “S-a-r-a-h? Uphi umfazi wakho uSarah?”

⁷⁷ Khangela into awayithethayo, “Usententeni emva kwaKho.”

⁷⁸ Waze wathi, “Ndiyakuku tyelela.” ‘Yabona eso simelabizo somntu, oMnye, ngokwesithembiso Awasenzayo. YayinguThixo lowo! Wathi, “Ndiyakukutyelela.”

⁷⁹ Waze uSara, (ngendlela eyakuthi sonke siyiqonde) wahleka mpela, ngaphakathi kuye, wathi, “Mna, ixhegokazi, elinekhulu leminyaka ubudala, inkosi yam” (eyayingu Abraham) “nayo, idlule kwixesha lobomi lalonto njengabantu abesebatsha.” Wathi, “Ngoba, asisenakuzonwabisa ngolohlobo kwakhona, ndaluphele naye waluphele.” Waze wathi, “Asinakuyifumana loo nto.” Waze wathi, “Njani? Ezizinto azingeke zenzeke!”

⁸⁰ Yaze i-iNdoda (uThixo esenyameni yomntu) wathi, “Uhlekele ntoni uSara ethandabuza, ethetha ezi zinto?” Ententeni, emva kwaYo.

⁸¹ Ngoku qaphela, ukuba asilohlobo lunye lolungiselelo awathi uYesu Kristu wanalo na! Wakhangela nje phakathi esihlweleni waziqonda izicamango zabo. Waxelela uPetros ukuba wayengubani na nokuba yayingubani na igama likayise. Wamxelela uNathaniyeli.

⁸² Waxelela umfazi equleni, akuthi... Yena wathi, “Hamba uye kuNdikhelela amanzi,” okanye “Ndiphathele ndisele.”

⁸³ Wathi yena, “Mhlekezi, akukho esikweni ukuthi Wena uthethe... Nina maYuda nithethe namaSamariya. Asinabudlelane omnye nomnye.”

⁸⁴ Wathi yena, “Kodwa ukuba ubusazi ukuba nguBani na lo uthetha nawe, ngewucele kuM amanzi.” Ingxoxo yaqhubela phambili. Wathi yena, “Hamba uyokubiza indoda yakho ize apha.”

Wathi yena, “Andinandoda.”

Wathi yena, “Uthethe walungisa, kuba ubunawo emahlanu.”

Wathi yena, “Mhlekezazi!”

⁸⁵ Khangela umahluko phakathi koko na—phakathi kwabapriste baloo mhla, ibhunga elaliphila kwilitha lenye emini. Bathi, “NguMtyholi lo!” Kwanyanzeleka ukuba baphendule kwibandla labo ngento ethile, kuba lalibiza lo nto.

⁸⁶ Wathini lo mfazana ulusizana, laa Mbewu yanyulwa kwangaphambili yayilele entliziyweni yakhe... Wayekruqukile yiloo nto, wayehambe ezitratweni ngokwehenyukazi. Kodwa wathi akubona loo Nto, wathi, “Mhlekezazi, ndiyaqonda ukuba Wena unguMprofethi. Asizange sibe naye amakhulu amane onke eminyaka, kwaye sixelelwa ukuba xa uMesiya ethe wafika zizinto Ayakuzenza ezo.” Owu, bethu! IMbewu ilele apho yaxhuma yaphila! Ngoba? Yayingadingi kutolikwa.

⁸⁷ UYesu wathi, “Mna ndithethayo nawe ndinguYe.” Oko kwakungaswele kutolikwa Wayewenzile ummangaliso waza wangqinela ukuba Yena wayenguMesiya lowo, amen, wangqina kanye ngoko uThixo wayekuthembisile (“INkosi uThixo wenu uyakunivelisela uMprofethi onjengam,” watsho uMoses). Yayiyintoni na? Kukungqinelwa kweSibhalo!

⁸⁸ Wabaleka wangena esixekweni, wathi, “Yizani, nibone uMntu Ondixelele izinto endakha ndazenza. Ayingebe nguye nalo uKristu? Asinguye lo? Undixelele into endayenzayo.”

⁸⁹ Ngoku qaphela, uYesu, yayinguYe lo wayephezulu kuloo Ndoda eyayize ngomva waYo ententeni yaze yamxelela uSara into awayecinga ngayo ngaphakathi ententeni.

⁹⁰ ILizwi likaThixo lithi, kumaHebhere, isahluko se-4, ukuba... Uthetha oku, “ILizwi likaThixo linamandla ngaphezu kwawo onke amakrele antlangothi-mbini, lihlaba lahlule umongo kwanethambo, licalule ingcingane nezicamango zentliziyu.” LiLizwi elo! Kwaye ngalo lonke ixesha umprofethi esiza, uza kunye neLizwi, kwaye wayeliLizwi lesosigaba. Lenza ntoni ke? Umntu oprofethayo ocalula ingcingane ezazisentliziyweni.

⁹¹ Kwenzeka oko kuYesu Kristu ngokuba Wayeyinzaliseko yeLizwi.

⁹² Kwaye uYesu wathi, “Njengokuba kwaye kuhle ngemihla yeSodom, kuyakuba njalo ekuzeni koNyana womntu.” UMoya kaThixo uyakuhla phezu kwehlabathi ukwimo yabantu, uThixo ebonakalaliswe esenyameni yomntu (Amen! Uyayibona?), aze enze kwa into enye awathi uThixo wayenza ekwinyana yomntu eSodom. Khumbula, babelindele unyana wedinga. Kwaye, kanye emva koko, unyana wedinga wafika. Yayingumqondiso wokugqibela iSodom neqela lika-Abraham

elawubonayo phambi kokuba unyana owathenjiswa afike. Uyiqaphele loo nto? Ke ngoku iBandla lokomoya lifikelele kuloo yure.

⁹³ Umntu othile uthi, “Mzalwana uBranham, ingaba uthi ‘YayinguThixo lowo?’”

⁹⁴ IBhayibhile yathi, YayinguThixo! Ayidingi kutolikwa ke. Yena ungu-Elohim. Nantso into u-Abraham awaMbiza ngayo. Nawuphina umfundi weBhayibhile uyayazi loo nto. U-*Elohim*, “nguLowo wanele konke.” WayengowokuQala, owokuGqibela; iSiqalo, iSiphelo. U-Elohim! U-Abraham wambiza ngokuba ngu “Elohim.” UThixo (ekonobumba abakhulu kwisiHebhere), u-Elohim; kanye njengaseqalekeni, “UThixo,” u-Elohim.

⁹⁵ Wayengu-Elohim ebonakaliswe enyameni yomntu, enxibe impahla yomntu, esidla ukudla komntu. Amen! Umqondiso wokuba ngemihla yokugqibela uThixo uyakuvela kwakhona phakathi kwabantu baKhe ekwinyama yomntu! Amen! UYesu wathi, “Imisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani. Kwaye njengokuba kwakunjalo ngemihla yaseSodom, kuyakuba njalo ngemihla yokuza koNyana woMntu.” Amen! Oko akudingi kutolikwa; kudinga ukubonakaliswa, nantso into ekuyidingayo. Amen. Niyakholwa yiloo nto?

Masithobe iintloko zethu:

⁹⁶ Bawo wethu waseZulwini, silinikela kuWe idinga laKho ngokuhlwanje ngokuba nguWe owazithethayo ezi zinto. Wathembisa ngazo. Akukho namnye onokwenza iLizwi laKho liphile ingenguWe. Wena wathi, “Makubekho ukukhanya,” kwabakho ke ukukhanya. Akukho mntu umelwe kukuyitolika loo nto, yabonakaliswa.

⁹⁷ Njengokuba sichaphule u-Isaya, umprofethi, “Intombi le iyakumitha,” yenza ngolohlobo; akuswele kubonakaliswa, yakwenza. Yinto eyenzakayo leyo.

⁹⁸ Wena wathi, ekuzeni kwaKhe Uyakuzalelwa eBhetelehem, “Ephuma eBhetelehem, yelakwaYuda. Akunguye nakanye omncinanana kubalawuli bakwaYuda, kwaSirayeli? Ke kuwe kuyakuphuma uMlawuli wabantu baM.”

⁹⁹ Izinto Awayeza kuzenza, into Awayeza kuyikhwaza emnqamlezweni, indlela Awayeza kugwetywa ngayo, bazigqobhoza inyawo zaKhe nezandla zaKhe; “Wahlatywa ngenxa yezikreko zethu, watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa; ubetho lokuba sibe noxolo lwaba phezu kwaKhe; saphiliswa ngemivumbo yaKhe.”

¹⁰⁰ Indlela awathi ngayo uDavide, “Andisayi kuwushiya umphefumlo waKhe kwelabafileyo, ndingasayi kumnikela OyiNgcwele waM ekuboneni ukubola.” Kwazi kwathi ngomhla wesithathu, ngaphambi kokuba iyure ezimashumi asixhenxe

anesibini zibethe ukuze zibolise umzimba waKhe, iLizwi likaThixo lathi, “Uyakuvuka.” (Bathi bawubile umzimba wakhe bemka nawo; basayikholelwa loo nto.) Kodwa siyakholwa thina, Nkosi, kwiLizwi laKho! Lalibonakalalisiwe. UYesu Kristu Wavuswa waze Wathi, “Ndiya...Yabona, ndinani lonke ixesha, kude kube sekupheliweni kwehlabathi.”

¹⁰¹ Kwaye siyakholwa ukuba Ulapha ngokuhlwanje. Siyakholwa ukuba UsenguYesu kwakhona Kristu ngokuhlwanje, apha, njengokuba Wawunjalo. Kwaye Ukhangele kuphela amehlo, iingalo, imilenze, umlomo, imiphefumlo, imizimba, Onokuthi uyisebenzise ukuZibonakalisa. Thixo, singwalise ngokuhlwanje, ukuze sibe nokubona uYesu Kristu ophilayo ephila phakathi kwethu. Makhe Eze! Kuyakwenzeka ke, njengokulamba kwaloo maGrike ezayo ngalaa mini, athi, “Mhlekaazi, sifuna ukubona uYesu.” Aze abanokuMbona. Owu, inokuba yayilolunjani uvuyo bakujonga kuYe!

¹⁰² Kwaye, Thixo, usenguWe namhlanje. Kwaye Wathembisa ukuba ukuba silambeke ukuKubona. “Iyakuba lixesha elincinane, ukuze ihlabathi lingabi saNdidibona” (ongakhohwayo); “ke nina niyakuNdidibona, kuba ndiyakuba nani, ndibe kuni, kude kube sekupheliweni kwehlabathi.” Siyazi ukuba isekwanguWe izolo, namhlanje, nangonaphakade.

¹⁰³ Nkosi, aMazwi sele ethethiwe, sele ebhaliwe, ngoku makhe enzeke, ukwenzela uZuko lukaThixo, ukubonisa ukuba uyaligcina iLizwi laKhe. Amen. UThixo anisikelele.

¹⁰⁴ Ndizakubiza umgca wokuthandazela. Ndiyakholwa ukuba uBilly uthe uwakhuphile amakhadi okuthandazelwa, elokuqala ukuya ekhulwini, okanye into elolohlobo. Akakho apha okwangu. Ingaba... Ngubani ikhadi lomthandazo le... Umntu makajonge ngemva kwelakhe... Iyakuba—iyakuba linani nonobumba (A, B, C, D, okanye...). Ngubani, ngu-A? Kulungile.

¹⁰⁵ Masifumane u-A, wokuqala, wesibini, wesithathu, wesine, wesihlanu. Qalisani ke ukuma ngoluhlobo. U-A, wokuqala, wesibini, wesithathu, wesine. Owesine, andimbonanga ephakama. Ikhadi lomthandazo lesine. Isinye, isibini, isithathu. Mthandazo... Mhlawumbi akakwazi ukuphakama. Ukuba akakwazi, umntu makajonge ikhadi losecaleni kwakhe, usenokuba nekhadi abe engakwazi ukuphakama. Sikhawuleze ke ngoku. Nanko, owesine. Owesihlanu, ikhadi lomthandazo lesihlanu. Isithandathu, isixhenxe, isibhazo, ithoba, ishumi, ishumi elinanye, ishumi elinesibini. Qalisani ngoku ukuma apha njengokuba ebizwa amanani enu. Elokuqala, isibini, isithathu, phumani nje nize ngapha. Ikhadi lomthandazo lokuqala, lesibini, lesithathu, lesine, lesihlanu, lesithandathu, lesixhenxe, lesibhozo, lethoba, leshumi, ishumi elinanye, ishumi elinesibini, elinesithathu, elinesine, elinesihlanu,

elinesithandathu, nesixenxe, elinesibhozo, elinethoba, amashumi amabini, amabini ananye, anesibini, anesithathu, anesine, anesihlanu. Nabani na ongakwaziyo . . .

¹⁰⁶ Ndibona umfana osesitulweni sesigulana phaya emva. Ukuba inani lakho libiziwe, nyana, ube—ube ungakwazi kuphakama . . . kulungile, phakamisa nje isandla sakho, sizakukubonelela ukuba uzokufika apha. 'Yabona?'

¹⁰⁷ Bangaphi apha abangenawo amakhadi omthandazo babe begula? Masibone isandla sakho, naphina. Kanye apha, kulungile, phakamisani izandla zenu. Niyakholwa? Ngelithuba basabahlanganisayo, niyakholwa koKu, ukuba isekwanguYe izolo, namhla, nangonaphakade? Bangaphi? Khangela kwaba balungiseleli; asitsho iSibhalo namhlanje, bazalwana, ukuba Yena nguMbingeleli oMkhulu onokuchukunyiswa kukuvelana nezilwelwe zethu? Ingaba kunjalo? Bangaphi abakholwayo kuloo nto, phakamisa isandla? UnguMbingeleli oMkhulu onokuchukunyiswa kukuvelana nezilwelwe zethu.

¹⁰⁸ Ngoko ukuba iBhayibhile ithi, "IsekwanguYe izolo, namhla, nangonaphakade," bangaphi abakholwayo yiloo nto? Ngoko Uyakusebenza njani namhlanje? Umelwe kukuba Asebenze njengokuba enzile izolo. Ingaba kunjalo? Ingaba Uphi ngokuhlwanje? Uhleli kanye ngasekunene koBungangamsha, umzimba waKhe; uMoya oyiNgcwele ulapha esakhiweni, ukuze uMazise.

¹⁰⁹ Qaphela, ngoku khangela. Kwenzeka ntoni xa umntu othile wachukumisa ingubo yaKhe phaya, umfazi ngenye imini? Wayengenalo ikhadi lomthandazo, singatsho, koko wachukumisa ingubo yaKhe. Wathi ke akuchukumisa ingubo yaKhe, uYesu waguquka wathi, "Ngubani lo uNdichukumisileyo?"

¹¹⁰ UPetros waMkhalimela, wathi, "Kutheni, Nkosi, loo nto ayivakali iyephathekayo konke. Kutheni, wokme umntu uzama ukuKuchukumisa. Kutheni usithi, "Ngubani oNdichukumisileyo nje?"

¹¹¹ Wathi, "Kodwa ndiyaqonda ukuba ndityhafile." Bangaphi abayaziyo loo nto? *Amandla*, ntoleyo ithetha "Ukomelela," aphuma kuYe. "Ndibe buthathaka, kukho umntu ondichukumisileyo ngohlobo olwahlukileyo lokuchukumisa." Waze waguquka wakhangela esihlweleni wade Wayifumanaloo ndlela yokholo.

¹¹² Wonke umntu wayebeka iingalo zakhe ngaphaya kwaKhe, "Owu Rabi, siyakholwa kuWe," nako konke oku.

¹¹³ Kodwa kwakukho umntu owayekholwa ngenene yiloo Nto. Waze wachukumisa ingubo yaKhe wakholwa ukuba wayephilisiwe, ngokuba wathi entliziyweni yakhe ukuba angakwenza oko koko okuya kwenzeka.

114 Waguquka wakhangela esihlweleni wade Wamfumana, waze Wathi...wamxelela ukuba ithombo lakhe legazi lalinqamkile kwaye wayephilisiwe. Ingaba kunjalo? Ngoku, yiloo ndlela aWenza ngayo kubaphulaphuli babantu.

115 Ngoku, ndibanga ukuba Akafanga, Uphile kanye namhlanje njengokuba wakhe Wanjalo. Kwaye iBhayibhile ithe, uYesu wathi, ngokwaKhe, “Njengokuba kwakunjalo ngemihla yeSodom, kuyakuba njalo ekubuyeni koNyana womntu.”

116 Ngoku khangela, akunamsebenzi nokuba loluphina uhlobo lwesipho uThixo anaso apha, kumelwe ukuba kubekho esinye apho ezantsi, kananjalo, esiza kuphendula kuso. Wangena esixekweni, iBhayibhile ithe, “Zininzi izinto Angazange abe nokuzenza ngenxa yokungakhohwa kwabo.” Ingaba kunjalo? Yinto enye namhlanje. Umelwe kukuba uMkholelwe. Umelwe kukuMkholelwa nje. Yiloo ndlela kuphela onokwenza ngayo.

117 Ingaba sele ulungile umgca wokuthandazela? Ngoku, wonke umntu makahloniphe nje isithuba semizuzu elishumi. Andazi nokuba ndiyakugqiba na phaya, ndinamalunga namashumi amabini anesihlanu okanye amashumi amathathu emi phaya. Kodwa ngoku, emgceci wokuthandazela, mntu ngamnye kuni apho emgceci wokuthandazela owaziyo ukuba ndingowasemzini kuwe, ndibe ndingazi nto ngawe, phakamisa isandla sakho. Mntu ngamnye emgceci wokuthandazela.

118 Ngoku phaya kubaphulaphuli, owaziyo ukuba andinanto ndiyaziyo ngawe, phakamisa isandla. 'Yabona? Ngoku, ngoku, nantsi into endizama ukuyithetha, sihlobo, 'yabona. Ngoku, yiyole. Bonke aba balungiseleli balapha eqongeni...Kwaye uKristu wasenza isithembiso. 'Yabona, sesibhaliwe. Sasimelwe kukwenzeka nini? Ngemihla yokugqibela, kanye phambi Kokuza kweNkosi. Ingaba kunjalo? Sasimelwe kukwenzeka ngoko.

119 Ngoku, liLizwi eliprofethelwe unamhlanje. Hayi ukukhanya kukaLuther; hayi ukukhanya kukaWesley; kungekuko nokukhanya kwakwaMoya. Sele kunyukile ngendlela ngoku. Ngoku, okukaLuther kulungile; okokuWisile kulungile; ubuBhaptizi bulungile; konke, okwakwaMoya, kulungile. Kukho zonke iindidi ezihleli apha ngokuhlwaye. Asinguye—asinguye—asinguye umntu ngamnye. Bekuya kuthini ukuba...

120 Awunakuze umxelele umWisile nantoni na ngoLuther, kuba ukholelwa kungcwaliso abe uLuther engalukholelwa. 'Yabona?

121 Awungeze uxelele owakwaMoya ukuba “Kuphelelwe kungcwaliso,” ukubonile ukubuyiselwa kwezipho. Akasayi kuyikholelwa loo nto. Hayi, unokuthe chatha kunoko. 'Yabona? Kwaye ibe sisigaba sokugqibela sebandla esibe naso, kwaye iBhayibhile ithi akusayi kubakho zigaba zabandla.

122 Kodwa kuyakubakho ukuhlanganiswa kwabantu, 'yabona, naku ke silapha. Ngoku, khumbula, umqondiso wokugqibela.

Ingaba thina bantu sijonge unyana wedinga? Phakamisa isandla sakho. Uyakholwa ukuba uyiMbewu ka-Abraham ngokuba kuKristu? Phakamisa isandla sakho. Ngoko, Mbewu ka-Abraham, yamkela umqondiso wakho! Ayikho phaya phandle eBhabhiloni, ayikho phaya phandle kwihlabathi lobuhlelo. Ilapha phakathi kwenu, kwabo bangekho kweso siphithiphithi siphaya phandle. Kholwani koko!

¹²³ Nanku umfazi, ungowasemzini ngokupheleleyo kum, ukwisithuba esimalunga nobudala okulinganayo. Zange ndimbone lomfazi ebomini bam. Ukuba bendinokumphilisa la mfazi bendiyakukwenza oko, ukuba uyagula. Andinanto ndiyaziyo ngaye. Nimbonile ephakamisa isandla sakhe kwimizuzu embalwa edlulileyo. A—andizange ndambona. Ungumfazi nje omi phaya.

¹²⁴ Namhlanje bebehlike bezisa iqela lamakhadi omthandazo, bawaxuba onke bawanika abantu. Omnye wafumana inani lokuqala apha, nenani leshumi phaya emva, inani leshumi elinesihlanu, inani lesixhenxe, inani...kanye ngolohlobo. Axutywa wonke, kanye apha phambi kwenu, yonke imihla. Athi ke akubizwa, asuke babizwe nje kumacala onke. 'Yabona? Kwaye, ngoku, awumelwe nokuba nalo ikhadi lomthandazo, ungahlala nje apho ukholwe. Kutheni ungena...

¹²⁵ Zitsikile, ngokuhlwanje, ufumanise iyure esiphila kuyo. 'Yabona? Ngoku, sele iza kuphela kananjalo, sihlobo. Isondele ekupheleni!

¹²⁶ Ngoku, ukuba uThixo ka-Abraham wamvusa uYesu Kristu kwabafuleyo, nokuba uYesu wathembisa ukuba ngemihla yokugqibela yimiqondiso eminye awathi u-Abraham...la Ngelosi (eyayinguThixo esenyameni yomntu) wayenza phambi ko-Abraham, kanye phambi kokuba unyana wedinga afike, uYesu wathi kuyakwenzeka into enye namhlanje.

¹²⁷ Ngoku, sibona amasuntswana kanye namahlelo, nazo zonke ezo zinto, nesiphithiphithi abakuso. Sibona uBilly Graham phaya ezantsi ngaphesheya, no-Oral Roberts, nabo bonke abo baphaya phandle; isithunywa sakwaMoya nesithunywa samahlelo phaya ezantsi, sikubona konke oko, kuqhuba umqondiso. UBilly Graham, isifundiswa sesakwalizwi ngenene, loo nto amahlelo akholwa kuyo. U-Oral Roberts, umphilisi ngokupheleleyo, kanye kanye oko abakwaMoya.

¹²⁸ Kodwa khangela apha, kukho into eyenye ethenjisiweyo kwiMbewu ka-Abraham. Phaya basezantsi phakathi kwamahlelo; kukho into *engaphandle* kwamahlelo emelwe kukwenzeka, ukuhlanganiswa kwabantu. Siza kuyiyeka nje kude kube ngokuhlwa ngomso.

¹²⁹ Khangela, andimazi la mfazi. Ndiza kuguquka ndize ngomva kuye. Ukuba iNkosi uThixo uyakuthetha into kulaa

mfazi, mhlawumbi ibe—ibe yinto eyiyeyasekhaya, mhlawumbi eyezimali, mhlawumbi isigulo; andazi. Uyakwazi ukuba yinyaniso na okanye hayi.

¹³⁰ Ukuba Uyakwenza into enye ngokuhlwanje na Wayenzayo ngoko, ningakholwa kuThixo ukuba uYesu Kristu wathembisa ukuba uyakuba lapha ngemihla yokugqibela? Bangaphia abakhholwayo ukuba siphila kumhla onjengeSodom, apho ihlabathi lonke lingene kwimeko yobuSodom? Bangaphi kuni abakhholwayo ukuba oko ndinixelele kona ngokuhlwanje yiNyaniso? Ngoko, bantwana neMbewu ka-Abraham, khohlwani kuThixo!

¹³¹ Ngoku, ukuze oku kube nokuyikhupha engqondweni yakho ukuba ndizama ukuthetha into nalomfazi, ndikhangelene naye ebusweni okanye ndizama ukuhlanganisa zonke ezi zinto zokuvumisa, okanye nokuba yintoni na ofuna ukuyazi. Nabanina okwaziyo ukufunda ingqondo unokuba nolwazi olungcono kunolo. 'Yabona? 'Yabona? Wakhe wambona umntu ovumisa ngokufunda ingqondo eshumayela iVangeli? Wakhe wambona umntu onqula imimoya eshumayela iVangeli, esenza imiqondiso nezimanga, ebabaza uYesu Kristu ekwanguye? Hayi.

¹³² 'Yabona, yinto nje...yingqondo yabantu. 'Yabona, bazimfama. Uyakholwa ukuba bangabazimfama? IBhayibhile yathi bayakuba njalo. Ingaba kunjalo? "Izityhuthutyhuthu, abathiwe lwale likratshi, abathandi beziyolo kunokuba bathande uThixo, abangenataru, abatyholi, abangenakuzeyisa, abangenakuthanda kulunga, benokumila kokuhlona uThixo, ukanti bayawakhanyela aMandla oko."

¹³³ Akazange athi uYesu, kuMateyu oNgcwele 24:24, athi "Le mimoya mibini ngemihla yokugqibela iyakusondelelana kangangokuba ilahlekise nabaNyuliweyo, ukuba bekunokwenzeka"? Kodwa akunakwenzeka. Babekwingcinga zikaThixo ekuqalekeni, kwaye bayinxalenye kaThixo.

¹³⁴ Ngoku, Thixo ka-Abraham, ka-Isake, noYakobi, yenza kwazeke ngokuhlwanje ukuba ndithetha iNyaniso ngaWe. NguWe, Nkosi. Ngokuthobekileyo abakhonzi bakho mababe nokuzisusa iingcinga ezi zabo endloleni, ukuze Ukwazi ukusebenzisa imizimba yethu usenzela olwaKho uZuko. EGameni likaYesu, uNyana kaThixo. Amen.

¹³⁵ Yintoni isipho? Asiyonto oyithatha nje uxabele ngayo ujike. Hayi, hayi. Kukwazi ukuba wena uzikhuphe ecaleni ukuze uThixo abenokukusebenzisa. Isipho kukuzikhupha isiqu sakho, aze uThixo asisebenzise.

¹³⁶ Eli nenekazi lisemva kwam liza kufa khona ngoku ukuba aliphiliswa. Eli nenekazi lisemva kwam lisandula ukuthandazelwa yenye indoda, kutshanje. Linomhlaza. Umhlaza usebeleni lalo nasemiphungeni yalo. Kwaye kutshanje belisandula ukuthandazelwa, kwaye lizama

ukukwamkela oko ngokholo ukuba liphilisiwe. ‘Lowo NGU-ITSHO INKOSI!’ Yinyaniso leyo, nkosazana? [Inenekazi lithi, “Ewe, yinyaniso kanye.”—Mhl.] Ukuba yiyo, shukumisa—shukumisa isandla sakho ubhekise kwisihlwele. UThixo ka-Abraham usaphila! Kulungile, hamba ukholwa koko ukukholwayo uyakuphila. Amen.

Niyakholwa? Uthi, “Uthini ngesihlwele?”

¹³⁷ Lo mfazi uhleli apha kanye... ekupheleni komgca, inenekazi lesibini kanye phaya. Ndithe ndakujika kanye phaya ndabona into, into ejikele engalweni yalo, impompa ukubetha kwegazi. Lineqondo eliphakamileyo lobushushu begazi. Ingaba kunjalo, nkosazana? Phakamisa isandla sakho. Ukuba uyakholwa, iqondo eliphezulu legazi lakho liyakuhla. UThixo ka-Abraham uselapha. Useyiloo nto kanye wayeyiyo, iLizwi likaThixo lalomhla!

¹³⁸ Uphila njani? Uyakholwa ngoku? Yiba nokholo kuThixo! Ukhangeleka ngathi usengumntwana nje. UThixo uyayazi intliziyo yakho, nkosazana encinane, andiyazi mna. Uyakholwa ukuba uThixo unako ukundityhilela ukuba yintoni na undonakele? Uyakholwa kuYe ukuba ndenze njalo? Asikokwakho, kokomntu othile ongomnye, ngumnakwenu. Kwaye ugula kakhulu kwaye ukwisixeko esithile apha emantla, eTulare. Kwaye usesibhedlele, kwaye unesifo samasuntsu egazi i-leukemia, kwaye oogqirha bamncamile ukuba afe. Akukho mathemba ngokupheleleyo. Kunjalo. Uyakholwa? [Inenekazi, liyalila, liphendula, “Ewe.”—Mhl.] Kulungile. Yintoni le uyiphethe ngesandla? Thabatha loo nto uyibeke phezu kwakhe. Uze ungathandabuzi. Ukhholwe! Amen.

¹³⁹ Niyakholwa? Andizange ndilibone elinenekazi ebomini bam. Kodwa uThixo usenguThixo! Ngoku, ndixelele umntu onokuba nokuyenza loo nto? Akukho ekwenziweni kumntu ukuba enze loo nto. NguThixo awathi uYesu Kristu wathembisa ukuba uyakuba lapha ngemihla yokugqibela aZingqinele (kanye phambi kwembu ka-Abraham) njengokuba kwakunjalo ngemihla yaseSodom.

¹⁴⁰ Ngoku apha, andilazi elinenekazi, singabasemzini omnye komnye, ndiyaqikelela ukuba kokokuqala sihlangana ebomini. Uyakholwa kum ukuba ndisisicaka saKhe? Uyakholwa kulento ukuba liLizwi? Kwaye uyazi ukuba... Eli Lizwi lisenguye umcaluli weengcingane nezicamango zentliziyo. Ingaba kunjalo? ILizwi linguMphilisi, kananjalo, ukuba unokukholwa kuLo. Uyakholwa? Ugqutyuthelwe, nawe, ngethunzi elimnyama. Ngumhlaza. Uyakholwa ke ukuba uThixo angandixelela ukuba iphina loo cancer? Ikumathumba asemazantsi, utsho ugqirha. Uyakholwa ngoku ukuba uyakuphiliswa? Hamba, ungathandabuzi konke, kwaye uThixo uyakuphilisa. Amen.

141 Niyakholwa, wonke umntu? Kanye kanye loo nto Wathembisa ukuba uyakuyenza! Yibani nokholo kuThixo, ningathandabuzi.

142 Asazani omnye nomnye. Andikwazi. Ukuba singabasemzini, mabayazi loo nto abaphulaphuli, masibambane isandla. Andizange ndimbone lomfazi ebomini bam.

143 Niyakholwa apho phantsi? Niyakholwa ukuba ngu Yesu Kristu? Yintoni na? LiLizwi laKhe. Xa aba bantu beLala, abali mntu, bala iLizwi. LiLizwi elalingaphandle, alakwazi ukubuyela phakathi.

144 Ngoku, elinenekazi lingowasemzini kum. Andizange ndalibona ebomini bam. UThixo unguMphilisi. Isenokuba alizelanga kuphiliswa, isenokuba yinto eyenye, kodwa ukuba uThixo uyakundicacisela ukuba yintoni na inkathazo yakho, uyakukholwa kum? Into yokuqala oyithandazelayo, kukuba, unendlebe engaphilanga. Enye yendlebe zakho, awuva ngayo. Injalo loo nto. Yinyaniso leyo. Uze ubenomkhwa, kwaye ufuna ukwahlukana nalomkhwa, ngowekutshaya imidiza. Beka isandla sakho kulendlebe yakho iphilileyo ngoku, kulungile, kulendlebe yakho iphilileyo. Kulungile. Ngoku kholwa kuThixo uhambe indlela yakho, unga... awusayi kutshaya midiza futhi ukuba uyakukholwa. Hamba, neNkosi ikusikelele.

Niyayibona into eyenzekileyo. Ingaba Akayiyo inene?

145 Andikwazi, singaba semzini omnye komnye. Andizange ndakubona ebomini bam, kodwa uThixo uyakwazi. Ukuba uThixo angandixelela into ngawe, uyakukholwa?

146 Ingaba isihlwele sonke siyakukholwa? Nabani na ophaya omaziyo lamfazi? Nabanina ophaya kwisihlwele omaziyo lamfazi? Kulungile, uyazi ukuba oku yinyaniso na okanye hayi. Oku kumelwe kukuyiqondakalisa, oku kumelwe kukuxela inyaniso.

147 Ngoku ningabona nje okwenzekileyo kulemizuzu imbalwa idlulileyo, 'yabona, yenze nje ukuba ndigxadazele, 'yabona, kusuke nje yonke into iya iba mnyama kum. 'Yabona, kukucalula. 'Yabona, NguMoya oyiNgcwele, asindim. LiLizwi elathenjiselwa lomhla! Akuzange kwabonwa oku ukusukela ngemihla yabapostile, akuzange kubekho. Kodwa yathi, "Kanye nje phambi kokuba eze uNyana womntu. Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaLothe, kuyakuba njalo ekuzeni koNyana womntu." Abangakholwayo abakholwa kuLoo nto, abalindelwanga ukuba bakholwe kuYo. Kodwa amakholwa ayakholwa yiYo!

148 Ngoku, ukuba uMoya oyiNgcwele uyakukutyhila oku, bangaphi abaya kukholwa ngeentliziyo zenu zonke, ningaziphakamisa izandla?

149 Unokwenzakala okuthile. Wafumana ingozi yemoto, yenza ukuba kutsaleke kukhululeke amathambo omqolo entanyeni yakho. Unentso eyathi yaxhuzuleka. Injalo loo nto, ayinjalo? Uyakholwa? Uyakuphila. Mayibongwe iNkosi.

150 Uyakholwa ukuba uThixo uyayiphilisa inkathazo yezintso? Ngoko hamba wamkele impiliso yakho.

151 Yiza, nkosazana. Khangela ngapha. Uyakholwa ukuba uThixo uyayiphilisa inkathazo yentliziyo? Kulungile, hamba indlela yakho ukholwe, intliziyo yakho iyakuphila.

152 Yiza apha. Uyakholwa ukuba uThixo angawuphilisa umqolo wakho, akwenze uphile? Hamba ukholwe ke ngoko.

Kholwa nje kuThixo nje, yiloo nto kuphela omelwe kukuyenza!

153 Yiza, nkosazana. Uyakholwa ukuba uThixo uyayiphilisa inkathazo yesisu? Hamba, udle isidlo sakho sangokuhlwa, ukholwe ngentliziyo yakho yonke.

154 Yiza. Uyakholwa ukuba uThixo angakuphilisa ukuqaqamba kwamalungu? Hamba ke ngoko, ukholwe, wenze. . . uThixo uyakukuphilisa.

155 Kulungile, yiza. Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Uyakholwa? Ukuqaqamba kwamalungu kwakhona. Uyakholwa ukuba uThixo angakuphilisa? Hamba ke, ukuKholwe, uthi, “NdiyaKubulela, Nkosi.”

Bangaphi abakholwayo apho phantsi? Niyakholwa?

156 Elinenekazi linxibe ilokhwe ebomvu, liphakamise isandla salo kanye apha, libulawa kukuphakama kweqondo lobushushu begazi. Uyakholwa ukuba uThixo angakuphilisa? Uyakholwa? Kulungile. Beka izandla zakho phezu kwela nenekazi lisecaleni kwakho apho phantsi, ulixelele ukuba iLizwi lalo liza kulunga. Amen.

Nantso ke. Amen. Uyakholwa? Yiba nokholo!

157 Nantsi indoda ihleli apha, inokopha. Uyakholwa, mhlekazi, ohleli kanye kule ndawo? Ewe, unokopha. Uyakholwa ukuba kuyakuphila?

158 Eli nenekazi lihleli ecaleni kwakho linokopha nalo, kwaye linenkathazo yomqolo. Uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa? Uyakholwa? Phakamisa isandla sakho ukwamkele. Kholwa.

159 Eli nenekazi lihleli ecaleni kwakho linenkathazo kwimilenze yalo nakusikrotyana walo. Uyakholwa ukuba loo Nto injalo nkosazana? Uyakholwa ukuba uyakuphiliswa? Kulungile, phakamisa isandla sakho, uthi, “Ndiyayamkela.”


160 Kulungile, eli nenekazi lisecaleni kwakhe linesifo esosulelayo. Uyakholwa ukuba uThixo angakuphilisa kweso

sifo sosulelayo, nkosazana elula enxibe indondo? Phakamisa isandla sakho, uthi, “Ndiyakwamkela.” Kulungile, kholwa kuKo.

¹⁶¹ Eli nenekazi lisecaleni kwalo linenkathazo yezintso. Uyakholwa ukuba uThixo uyakuyiphilisa inkathazo yezintso, nkosazana? Kulungile, phakamisa isandla sakho, uyamkele.

¹⁶² Le ntombazana incinane isecaleni kwalo enesibhoko. Uyakholwa ukuba uThixo uyakusiphilisa isibhoko apho? Phakamisa isandla sakho, uyamkele.

¹⁶³ Bangaphi abakholwa ngentliziyo yenu yonke? Ngoko phakamani nime ngenyawo niyamkele. Phakamani nime kuBukho boThixo ka-Abraham, u-Isake, noYakobi.

¹⁶⁴ EGameni leNkosi uYesu Kristu wanga uMoya oyiNgcwele angawa angene kwesi sakhiwo ngoku aphilise wonke umntu okuBukho obuNgcwele! 

UThixo Uyitoliki Yesiqu Sakhe Ngokwakhe, Umq. 5 Inani 3
(*God Is His Own Interpreter*, Vol. 8 No. 6)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqalekeni ngesiNgesi ngeLwesithathu ngorhatya umhla we-5 kuFebhali kowe-1964, eKern County Fairgrounds, eBakersfield, eCalifornia, eMelika, wathatyathwa ngesishicileli-mazwi sikazibuthe washicilelwa. Le nguqulelo yesiXhosa ikhutshwe ngowe-1996 ngabe:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org